Isalathiso: 20210419-2341
Inombolo yefayili: 13/1/1
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0005/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukulibaziseka kokukhutshwa kwesixhobo sokurekhoda nokwenza iripoti *(recording and reporting tool)* seBakala 10-12

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lifumene iisetyhula ezimbini ezivela kwiSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE*): ISetyhula E7 ka-2021, yomhla we-16 Apreli 2021, neSetyhula S8 ka-2021, yomhla we-14 Apreli 2021.

2. ISetyhula S8 yeSebe i-*DBE* ka-2021 ibhekiselele ekukhutshweni kwamanqaku omlinganielo abalwayo (*weightings)* ezifundo ahlaziyiweyo ukwenzela amaBakala 10-12 kwiSigaba se*FET*.

3. ISebe i-*WCED* lifumanise imingeni malunga neSetyhula S8 yeSebe i-*DBE* ka-2021 kwaye lilindele isetyhula efakelwe izilungiso evela kwiSebe i-*DBE*.

4. Ngenxa yoko, iSebe i-*WCED* liyakulibazisa ukukhutshwa kwesixhobo sokurekhoda nokwenza iiripoti esenzelwe isigaba se-*FET* kude kube kufunyenwe isetyhula efakelwe izilungiso evela kwiSebe i-*DBE*.

5. ISebe i-*WCED* licela ukuba izikolo zikumisele elinye ixesha ukwenza iripoti ngendlela abaqhube ngayo abafundi kwiKota 1 kumaBakala 10 -12 kude kube yiKota 2.

6. Kucelwa iinqununu namagosa ezithili zemfundo ukuba bazise okukule ngcaciso imfutshane abasebenzi, abazali nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2021-04-29